Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ISIMEMO SOTYUMBO UKUZALISA IZITHUBA KWIKOMITI YEELWIMI YENTSHONA KOLONI

IKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni, ekuthobeleni icandelo 7 loMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 13 ka-1998), imema uluntu ngokubanzi ukuba lutyumbe abantu abafanelekileyo njengamalungu eKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni (WCLC). Abatyunjwa abanyuliweyo baza kukhonza iminyaka emithathu ye-ofisi.

Isigunyaziso seKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni sichazwa kwizibonelelo soMthetho weBhodi yeeLwimi yePansalb (uMthetho 59 ka-1995), uMgaqo-siseko weNtshona Koloni (uMthetho 1 ka-1998), kunye noMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 13 ka-1998). Injongo ye-WCLC kukuphononongа usetyenziso lweelwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni; ukuphononongа uqaliso loMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni kwkunye nokucebisa uMphathiswa onikwe uxanduva lwemiba yeelwimi kunye neBhodi yePansalb ngemiba yeelwimi okanye echaphazela iPhondo.

Amalungu eKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni amele abasebenzisi beelwimi ezintathu zaseNtshona Koloni, ezi zezi: isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa, uLwimi lweZandla loMzantsi Afrika, kananjalo neelwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili zaseNtshona Koloni. AMalungu ale Komiti aza kuba liGunyabantu elinika inkcaza zeli qumrhu kwaye aza kuba noxanduva lwemiba enxulumene norhulumento ngokwemigaqo yaMacandelo 49 ukuya kwelama 57 oMthetho woLawulo lweziMali zikaRhulumente, Nombo 1 ka-1999.

Iimfuno:

Abatyunjwa mababe nezi mfuno:

- Babe ngabemi boMzantsi Afrika bobuncinane iminyaka engama-21 ubudala kwaye babe ngabemi abasisigxina baseNtshona Koloni.
- Bathethe kwaye bazi ngamandla ubuncinane iilwimi ezimbini kwezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni.
- Babe nolwazi namava emiba yeelwimi kwaye mababe negalelo elibonakalayo basebenzele ngokubonakalayo igalelo lokhuthazo losetyenziso iilwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni ezithethwa kwiphondo/iilwimi ezazivinjwe amathuba ngaphambili/ uLwimi lwezandla loMzantsi Afrika
- Babe namava avakalayo olawulo lwezimali nothotyelelo ngokwemigaqo yoMthetho woLawulo lweziMali zikaRhulumente (PFMA), Nomb 1 ka-1999.

Utyumbo malwenziwe kwifomu echaziweyo yotyumbo kwaye mayingeniswe ungadlulanga owe-3 Agasti 2021.

Ifomu yotyumbo iyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za. Ikopi ingacelwa kwakhonakwiGosa leMigaqo yeeNkqubo leKomiti eSisigxina, uMnu Waseem Matthews. Iinkcukacha zonxibelelwano zakhe zezi:

- I-imeyile: wmatthews@wcpp.gov.za
- umnxeba: 021 487 1741

Sikhutshwe nguMr RI Allen (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.